# IsiXhosa Ngumdiliya Ibanga 9

## Ikota 1

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| Iveki yoku-1 yesi-2 | **Sonwabela imidlalo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 1-11**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 1-17** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**Ingxoxo yeqela / incoko:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula isibhengezo ze baxoxe.<br>Baphulaphulela ukuncoma nokugxeka.<br>Baphulaphula utitshala ebachazela ngokuqhutywa kwengxoxo yeqela. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Iitekisi ezibonwayo ezifana nepowusta: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga noko bakubonayo kwipowusta.<br>Bafunda iingongoma ezichaza ngendlela yokwenza ipowusta.<br>Bathelekelela iintsingiselo zamagama angaqhelekanga.<br>Bafunda kunye notitshala imiba ephambili ekufuneka bacinezele kuyo xa kubhalwa ipowusta.<br>**B. Itekisi yoncwadi enjengenoveli yolutsha:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphicotha iindidi zeencwadi abanokuthi bazisebenzise xa belungiselela ukufunda. Baphicotha izinto ezifana neqweqwe, iphepha lesihloko, isalathiso izahluko noluhlu lwenkcazelo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Iitekisi zonxibelelwano ezimfutshane: Isibhengezo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emva kokuba beqwalasele umzekelo wesibhengezo kwiincwadi yabafundi. Baziqulunqela esabo isibhengezo belandela imigaqo ebalulekileyo yokubhala eyile; ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama: Imisetyenzana eyenziwayo: Izakhi zesibizo:** iceba, isisekelo, ingcambu nesigqibelo. Iindidi zezenzi: izenzi ezilungu linye, izenzi ezimalungu mabini nangaphezulu, izenzi eziqala ngezikhamiso. Iziphawuli, izimelabizo. Banika iintsingiselo zamagama namabinzana asetyenziswe kwisicatshulwa. Bahlahlela izibizo ngokwezakhi zazo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazo-be sokucinga lwenza ukuba bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kuso ukuba ingaba bawulandele na. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Ukubaluleka kwemfundo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 12-22**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 15-27** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **Ukuphulaphula itekisi efundwayo: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokuthe gabalala malunga nemifanekiso bekhokelwa yimibuzo katitshala. Baphulaphula kutitshala ebafundela ibali beqaphela ithoni, isantya afunda ngaso utitshala. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi enjengebali elifutshane:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokuthe gabalala ukuze baveze ulwazi lwabo malunga neendidi zoncwadi bachaze umahluko phakathi kwencwadi yamabali amafutshane nencwadi eyinoveli<br>Bafunda imiba ephambili kwincwadi yamabali amafutshane.<br>Baphendula imibuzo katitshala emalunga nemiba ebalulekileyo kwibali elifutshane.<br>**B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda banzi ngesakhiwo sangaphakathi nesangaphandle sombongo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala ileta yovakalelo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala malunga nemifanekiso abayinikwe kwincwadi yabafundi. Babhala ileta yobuhlobo ebonisa uvakalelo.<br>**Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo:**<br>Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izibizo, iziphawuli, izimelabizo, izimaphambili nezimamva, izibizo ezilula nezibizo ezimbaxa.<br><br>**Inqanaba lokusebenzisa ngezivakalisi: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Amaxesha ezenzi, intetho-ngqo nengxelo-ntetho, izakhi zezivakalisi, izivumelanisi. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Baphendula imibuzo yovavanyo esekuphe leni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, lwenza kube lula ukuba bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Unikezo-nkonzo olungafanelekanga**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 23-35**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 33-47** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ingxoxo yababini:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukuncoma nokugxeka.<br>Baphulaphula utitshala ebanika inkcazelo malunga nengxoxo yababini emva koko abafundele umzekelo wengxoxo yababini.<br>Baphulaphula abafundi abachongwe ngutitshala besenza ingxoxo yababini eklasini.<br>**B. Ukulinganisa incoko yababini Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala naleyo bayinikiweyo kwincwadi yabafundi. Baphulaphula abafundi abachongiweyo belinganisa incoko phakathi komthengi nomthengisi emva koko baphendule imibuzo abayibuzwa ngutitshala malunga nencoko le bebeyiphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda isivumelwano phakathi komthengi nomthengisi:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda amanqaku amalunga nesivumelwano. Baveza ulwazi lwabo malunga nesivumelwano phathi komthengi nomthengisi.<br>**B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuza gabalala etshayelela isifundo ngesihobe.<br>Bafunda ngeempawu eziphambili zemibongo: Isakhiwo sangaphakathi nesakhiwo sangaphandle sombongo.<br>Bafunda umbongo othi 'Ubuhlobo' beqaphela iimpawu eziphambili zombongo ebebefunde ngazo.<br>Bagxininisa ngakumbi ulwazi lwabo ngeempawu zombongo ngokuthi bafunde umbongo okwincwadi yabo yokufunda othi 'Zaphel' iintsana zethu.<br>**C. Ukufunda isivumelwano ngenjongo yokuqonda:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda ngokukrwaqula umzekelo wesivumelwano bekhangela imibhalo engqindilili okanye egxininisayo.<br>Banika inkcazelo epheleleyo ngesivumelwano. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Umhlathi: Ingxelo**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemiba emalunga nokubhalwa kwengxelo.<br>Babhala ingxelo malunga nokufumanisekileyo kwimpikiswano phakathi komthengi nomthengisi.<br>**Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo:**<br>Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemiba yegra- ma nolwimi enyulwe kumbongo.<br>**Inqanaba lokusebenza ngamagama:** izihlanganisi, izichazi, izihlomelo.<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>izakhi zezivakalisi, iindidi zezivakalisi nemibuzo. Kuxoxwa ngentsingiselo yamabinz-ana. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Bazivavanya ngoku- phendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe, ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Qoqosha ulondoloze mnt'omtsha**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 36-50**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 48-65** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **Isicatshulwa esiphulaphulwayo**<br>**(ingxoxo yababini)**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile.<br>Baphulaphula utitshala ebafundela isicatshulwa sengxoxo yababini. Baziyelela eyabo imizekelo yezicatshulwa zengxoxo yababini besebenza ngamaqela.<br>**Intetho engalungiselelwanga:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bancedisana beliqela bekhetha isihloko abaza kusinika lowo bamonyulileyo oza kwenza intetho engalungiselelwanga. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yebali elifutshane: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngeempawu eziphambili zoncwadi ezifana nezi; abalinganiswa, intshukumo, ingxoxo yababini, isakhiwo, impixano, imvelaphi, isimo sentlalo, unobalisa, umxholo.<br>Baphendula imibuzo emalunga nebali elifutshane.<br>**B. Isihobe**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bayaxoxa ngemiba ephambili okanye iimpawu eziphambili zemibongo.<br>Bafunda umzekelo wombongo abawunikiweyo kwincwadi yabafundi beqaphela iimpawu zombongo abafunde ngazo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala isincoko esichazayo:**<br>Umsebenzi owenziwayo:<br>Baxoxa ngemifanekiso bengamaqela baphendule nemibuzo abayinikiweyo kwincwadi yabafundi.<br>Babhala isincoko esichazayo begxininisa kwinkqubo yokubhala le miba ilandelayo; ukucwangcisa, ukwenza idrafti, ukuhlela, ukulungisa iziphene, ukunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izenzi, izimelabizo, izihlanganisi.<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Intetho-ngqo nengxelo- ntetho, imihlathi Intsingiselo yamagama: Izaci, amaqhalo, isikweko, isifaniso, isimntwiso<br>Iimpawu zokubhala nopelo:<br>Iindlela zopelo, isingxi, unobumba omkhulu, ikoma, iimpawu zocaphulo | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Ubuchwepheshe bale mihla**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 51-62**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 66-82** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ukuphulaphula ingxelo yephepha-ndaba:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebafundela umzekelo wengxelo yephepha-ndaba.<br>Babonisana ngemigaqo elandelwayo kusenziwa ingxelo yephepha-ndaba.<br>Besebenza bengamaqela besenza ingxelo yephepha- ndaba.<br>**B. Ukunikezela ngenxelo ye- orali:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngomfanekiso abawuboniswa ngutitshala okanye okwincwadi yabafundi. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda ingxelo yephepha-ndaba Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda umzekelo wengxelo yephepha- ndaba emva koko baxoxe bephendula imibuzo emalunga nengxelo leyo.<br>**B. Isihobe:**<br>Izigaba zentetho, imifanekiso-ntekelelo, imvano-siphelo, isingqisho, imiqolo nezitanza, intsingiselo efihlakeleyo, izafobe, umxholo nomyalezo.<br>Bafunda umbongo emva koko baqaphele imiba ephambili yemibongo abafunde ngayo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukubhala itekisi yonxibelelwano ende:**<br>**Udliwano-ndlebe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngendlela eyiyo yokubhala uldliwano-ndlebe. Babhala umzekelo wondliwano-ndlebe begxininisa kwinkqubo yokubhala eyamkelekileyo.<br>Babhala umzekelo wengxelo belandela inkqubo yokubhala.<br>**Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo:**<br>Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Iintlobo zezenzi; uhlobo lokuqondisa<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Isivakalisi esilula, imibuzo, intetho, amaxesha ezenzi.<br>**Intsingiselo yamagama:**<br>Izaci namaqhalo, intsingsielo efihlakeleyo, izafobe.<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Iimpawu zocaphulo, isimela-nobumba, ikholoni, isingxi, ikoma, oonobumba, ifonti. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Imisebenzi yokuhlola:<br>Umsebenzi woku-1: I-orali<br>Umsebenzi wesi-2:<br>Ukubhala: Isincoko esichazayo / isincoko esibalisayo<br>Ukubhala ileta yobuhlobo / irivyu /ingxoxo yababini<br>Umsebenzi wesi-3:<br>Uvavanyo loku-1 isicatshulwa | |



Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

## Ikota yesi-2

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 yesi-2** | **Masibuke indlalo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 64-76**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 86-101** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ukuphulaphulela ukuqonda: Ukuphulaphula ibali:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Ingxoxo ethe gabalala malunga nemigaqo elandelwayo xa kusenziwa udliwano-ndlebe Baphulaphula utitshala ebabalisela ibali ngelixa bemana bethatha amanqaku ukuze balandele umxholo.<br>Baphendula imibuzo katitshala emalunga nebali ebebeliphulaphule.<br>**B. Ingxoxo yeforam**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo ekwincwadi yabafundi emalunga nemiba ngengxoxo yeforam. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda idrama Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda umzekelo wedrama baqaphele iimpawu zedrama: Bafunda ngokwamanqanaba okufunda abawafundisiweyo, baze bazame ukufumana ulwazi nentsingiselo eyiyo. Baphendula imibuzo malunga noko bafunde ngako kumzekelo wedrama.<br>**B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Imvano-siphelo, izigaba zentetho, isingqisho, imiqolo, izitanza. Bafunda umbongo okwincwadi yabafundi emva koko bawuhlalutye.<br>**C. Ukufunda ngenjongo yokufumana ulwazi: Ilifa nomyolelo**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo abayibuzwa ngutitshala emalunga nemiba engomyolelo nelifa.<br>Benza ushwankathelo beshwankathela incoko ekwincwadi yabafundi. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ungeniso kwidayari:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa, bethelekelela malunga nokuqulethwe yidayari.<br>Baqulunqa ezabo iidayari babhale ungeniso kwidayari belandela imigaqo nemiba ephambili yokubhala. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izichazi, izimelabizo. Banika iintsingiselo zamabinzana azizaci. Bakhetha izichazi nezimelabizo kwisicatshulwana abasinikiweyo emva kokuba besifundile basilandela.<br>**Intsingiselo yamagama:**<br>Izaci namaqhalo, izafobe.<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Iimpawu zocaphulo, izifinyezo | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Iyantlukwano kwezenkcubeko**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 77-85**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 102-117** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ukuphulaphulela ukuqonda: Ibali ngobomi bomntu:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ibali elingobomi bomntu belibaliselwa ngutitshala.<br>Baphendula imibuzo emalunga nebali elo bebelibaliselwa ngutitshala.<br>**B. Ukufunda okungalungiselelwanga Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baqhuba ingxoxo ethe gabalala malunga nemiba ephambili xa kuza kwenziwa ukufunda okungalungiselelwanga.<br>Bakrwaqula kumfanekiso ukuze baxoxe ngabakubonayo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa banzi ngemiba ephambili xa kusenziwa, izinto ekumele zenziwe nezo kumele zingenziwa. Benza eyabo imizekelo yengxoxo-mpikiswano kumaqelana abo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi enjengedrama: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa gabalala ngemiba yetekisi yoncwadi enjengedrama. Baphendula imibuzo emalunga nemiba yetekisi yoncwadi enjengedrama. Bafunda itekisi yedrama kwincwadi yokufunda.<br>**B. Isihobe:**<br>Bafunda umzekelo wombongo kwincwadi yabafundi nakwincwadi yokufunda abayabelweyo.<br>Bahlalutya umbongo ngokuthi babonise isakhiwo sangaphakathi sombongo kwakunye nesakhiwo sangaphandle. Bazilolonga ukuqonda kwesi sifundo ngokuphendula imibuzwana enxulumene naso. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala irivyu:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo gabalala malunga nendlela yokubhalwa kwerivyu.<br>Baqaphela imiba ephambili xa kusenziwa irivyu phambi kokuba babhale eyabo abazenzele yona. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama: Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izenzi ezithatha injongosenzi nezingathathi njongosenzi, iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqhubeka, uhlobo lolandelelwano, uhlobo lokuqoshelisa.<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Izivakalisi ezixananazileyo, intetho ngqo, ingxelo- ntetho.<br>**Intsingiselo yamagama:**<br>Izaci namaqhalo, isihlonipho. Babonakalisa ulwazi lwabo lolwimi ngokunika iintsingiselo zamagama akwisifundo. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Iziyobisi ziligqibile ilizwe**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 86-96**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 118-133** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **Ukuphulaphula itekisi ye-orali (udlilwano-ndlebe):**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemiba ephambili malunga nokuqhutywa kodliwano-ndlebe. Baveza ulwazi oluthe gabalala malunga nodliwano-ndlebe Baphulaphula utitshala ebafundela isicatshulwa sodliwano-ndlebe.<br>Baziyilela olwabo udliwano- ndlebe<br>**B. Ingxoxo yeqela**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa malunga nendlela yokwenziwa kwengxoxo yeqela. Baphulaphula utitshala ebafundela ingxoxo yeqela kwincwadi yakhe.<br>Baphendula imibuzo katitshala kwakunye naleyo ikwincwadi yabafundi.<br>Baziyilela eyabo ingxoxo besebenza gamaqela.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula umzekelo wencoko bephulaphulela ukuncoma nokuqhagamsh- elana.<br>Benza eyabo imizekelo yencoko besebenza ngabathathu. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda itekisi: idrama: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngeempawu zetekisi yedrama. Bafunda kwincwadi yabafundi iimpawu zetekisi yedrama.<br>Bafunda umzekelo wetekisi yedrama kwincwadi yabafundi. Baveza ulwazi lwabo oluthe gabalala malunga neendidi zabalinganiswa. Baphendula imibuzo malunga netekisi yedrama. | |
| | **B. Isihobe**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemiba gabalala malunga nemifanekiso abayiphathelwe ngutitshala kwakunye naleyo ikwincwadi yabafundi. Bafunda ngemiba emalunga nesakhiwo sangaphakathi sombongo.<br>Bafunda ngemiba gabalala emalunga nesakhiwo sangaphandle. Bafunda umzekelo wombongo emva koko baphendule imibuzo emalunga nombongo.<br>**Ukufundela ukuqonda: Ikhathuni Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa, betolika ikhathuni, bechaza okwenzekayo kuyo. Baphendula imibuzo abayinikiweyo emalunga nekhathuni. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala i-ajenda nemizuzu:** Kuyaxoxwa beveza ulwazi lwabo oluthe gabalala malunga nemiba enxulumene nokubhalwa kwe-ajenda nemizuzu.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baqaphela imigaqo ephambili emalunga nokubhalwa kwe-ajenda nemizuzu.<br>Bafunda umzekelo omfutshane we-ajenda nemizuzu.Basebenza ngamaqela babhale eyabo imizekelo ye- ajenda nemizuzu. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
| --- | --- | --- |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izihlomelo, izixando zezenzi, izichazi<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Umhlathi ochazayo,<br>umhlathi oyintshayelelo, umhlathi wesiphelo, intetho-ngqo nengxelo- ntetho<br>Amaxesha ezenzi, iindidi zezivakalisi.<br>**Intsingiselo yamagama:** Izaci namaqhalo, izafobe<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Oonobumba abakhulu, isingxi, ikoma Baphendula imibuzo emalunga nezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Kuyayiyizelwa ngumtshato**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 97-106**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 134-145** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Isibhengezo:**<br>Baxoxa ngomfanekiso ogxile kwimifanekiso emalunga nesibhengezo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukufumana ulwazi ngesibhengezo. Baqaphela imigaqo elandelwayo xa kusenziwa isibhengezo. Baqulunqa owabo umzekelo wesibhengezo. | |
| | **B. Unikezelo lwe-orali:**<br>**Ukucazulula isibhengezo**<br>Bachaza imiba ephambili evelayo kumzekelo wesibhengezo abasinikiweyo kwincwadi yabo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda itekisi: Isibhengezo**<br>Baxoxa ngemifanekiso ephambi kokufundw a kwesibhengezo.<br>Baxoxe ngokuthe gabalala ngezimvo zabo malunga nomtshato.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafundela ukuze bakwazi ukufumana intsingiselo. Baphendula imibuzo ebonisa ukuba bayaqonda oko bebekufunda kwisibhengezo.<br>Baxoxa ngemiba enxulumene nomxholo wesibhengezo beveza ulwazi lwabo oluthe gabalala. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Umhlathi omfutshane: Irivyu yesibhengezo:**<br>Kuxoxwa malunga noko kubonakala kumfanekiso, ukuze baphendule imibuzwana enxulumene noko kubonakala kumfanekiso kwakunye nomxholo wesifundo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemigaqo emalunga nokwenziwa kwerivyu.<br>Kufundwa umzekelo wentetho okwincwadi yomfundi.<br>Baphendula imibuzo ngokuthi babhale iimpendulo malunga nerivyu yesibhengezo.<br>Babhala ezabo iirivyu abaza kuzinikezela kutitshala. | |



Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izibizo ezakhiwe kwezinye izigaba zentetho, izibizo ezakhiwe kwizichazi, izibizo ezakhiwe kwizihlomelo, izibizo ezakhiwe kwizifanekisozwi, izibizo ezimbaxa, isimelabizo sokukumbi.<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Umhlathi ochazayo, umhlathi oyintshayelelo, umhlathi wesiphelo, amaxesha ezenzi, izivumelanisi, izivakalisi ezimbaxa, intetho.<br>**Intsingiselo yamagama:**<br>Izithetha-ntonye, izichasi, izafobe, imfanozandi, izifanadumo, imvano siphelo.<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Iimpawu zocaphulo, izifinyezo, uphawu lokhuzo | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Ukuhlola ikota yesi-2**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 107-109**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 146-154** | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | **Imisebenzi yokuhlola:**<br>Umsebenzi woku-1: I-oral<br>Umsebenzi wesi-2: Ukubhala<br>Umsebenzi wesi-3: iimviwo zaphakathi enyakeni / Iimviwo zikaJuni:<br>Iphepha loku-1: I-Orali<br>Iphepha lesi-2: Ukubhala<br>Iphepha lesi-3: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi<br>Iphepha lesi-4: Uncwadi | |

## Ikota yesi-3

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| Iveki yoku-1 yesi-2 | **Silungisa izinto emakhaya**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 114-124**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 155-168** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ingxoxo yababini:**<br>Bakrwaqula kwimifanekiso baxoxe ngayo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ngobunono bephulaphulela ukugxeka nokuncoma. Baphulaphula utitshala ebafundela umboniso wothethathethwano phakathi kwabantu ababini bexoxa ngemiba yekhaya labo. Baphendula imibuzo emalunga nengxoxo yababini.<br>**B. Ingxoxo ngokuphathelele ekwenzeni ilifa nomyolelo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ngononophelo utitshala ebachazela ngemiba emalunga nelifa nomyolelo. Baxoxa ngomxholo abawuvileyo ngelixa bebephulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Umyolelo ofinyeziweyo nesingqinisiso:**<br>Kuxoxwa ngomfanekiso okwincwadi yabafundi baphendule imibuzo enikiweyo. Baphulaphula utitshala efunda umyolelo owenziwa ngumntu othile. Baphendula imibuzo emalunga nomyolelo nesingqinisiso.<br>**B. Isihobe:**<br>Baxoxa ngokwahlukana kweendidi zemibongo. Baveza ulwazi lwabo oluthe gabalala.<br>Umsebenzi owenziwayo:<br>Bafunda umzekelo wombongo ukuze bawuhlalutye beveza isakhiwo sangaphakathi nesakhiwo sangaphandle. Baphendula imibuzo emalunga nombongo abawufundileyo.<br>**C. Itekisi ebonwayo: Ikhathuni**<br>Baphendula imibuzo emalunga nekhathuni. Bafunda ngokukrwaqula umzekelo wekhathuni ukuze bafumane iinkcukacha ezixhasayo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala umyolelo nesingqinisiso** Kuxoxwa ngezinto ezisetyenziswayo xa kusenziwa umyolelo nesingqinisiso. Baveza ulwazi lwabo lwangaphambili malunga nenomyolele nesingqinisiso.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baqwalasela umzekelo womyolelo nesingqinisiso emva koko babhala owabo umyolelo belandela imigaqo ephambili yokubhala. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Iindidi zezibizo, izichazi, izihlanganisi<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi** Intetho, amaxesha ezenzi, iindidi zezivakalisi, iindidi zemihlathi, amagatya, amabinzana | |
| | **Intsingiselo yamagama**<br>Oomabizwafane, oomabizwahluke, izafobe.<br>Iimpawu zokubhala nopelo:<br>Isimeli nobumba, iimpawu zocaphulo, iqhagamshela. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Amakhondo empangelo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 125-136**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 169-186** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ukuphulaphula udliwano- ndlebe:**<br>Baveza ulwazi lwabo oluthe gabalala malunga namakhondo empangelo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula inkcazelo eyiyo ngemigaqo elindelekileyo kubantu abenza udliwano-ndlebe. Baphendula imibuzo emalunga nodliwano-ndlebe.<br>**B. Ukuxoxa ngesivi:**<br>Baxoxa ngemiba ebalulekileyo ekufuneka ivelile kwisivi. Baphendula imibuzo emalunga nesivi. Baziqulunqela ezabo iisivi bencedisana. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ibali elifutshane:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bayaxoxa beveza ulwazi lwabo oluthe gabalala malunga nebali elifutshane.<br>Basebenza ngencwadi yamabali amafutshane abayifundayo baqaphela ukuba imiba yokwakhiwa kwebali elifutshane.<br>Bafunda umzekelo webali elifutshane abalinikiweyo emva koko baphendule imibuzo ekhangela ukuqonda nokulandela kwabo ibali.<br>**B. Isihobe**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga nezinongo zolwimi ezisetyenziswa kwisihobe. Indlela ezinxiba ngayo iimbongi xa zibonga, izijekulo ezizisebenzisayo ukutsolisa umyalezo wazo.<br>Baphendula imibuzo emalunga nemiba yolwimi ekwesi sifundo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ileta ekhaphayo:**<br>Kuxoxwa ngemiba ephambili xa kubhalwa ileta ekhaya isivi.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula bechazelwa ngamanqaku aphambili esivi neleta ekhaphayo. Baqwalasela umzekelo wesivi neleta ekhaphayo emva koko umfundi ngamnye azibhalele eyakhe isivi neleta ekhaphayo. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:** Imisetyenzana eyenziwayo: Izichazi, izibizo, izimelabizo, iintlobo zezenzi. **Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Intetho elungiselelweyo, intetho engalungiselelwanga, amaxesha ezenzi, iindidi zezivakalisi, iindidi zemihlathi, amagatya, amabinzana<br>**Iintsingiselo zamagama:**<br>Izithethantonye, izichasi, oomabizwafane, oomabizwahluke, izafobe<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Izingxi, isimeli nobumba, ikoma, iqhagamshela. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Masamkele ukuqeqeshwa ngabazali**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 137-148**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 187-201** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ingxoxo-mpikiswano kunomathotholo:**<br>Kuxoxwa ngamanqaku athe gabalala malunga nengxoxo-mpikiswano.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ngobunono itekisi yengxoxo-mpikiswano kunomathotholo. Baphendula imibuzo katitshala ekhangela ukuqonda kwabo.<br>**B. Ukuthatha inxaxheba kwingxoxo-mpikiswano:**<br>Bancokola ngokuthi badibanise umfanekiso nesihloko.<br>Umsebenzi owenziwayo: Baphulaphula kutitshala ebachazela imigaqo ephambili malunga nokuthatha inxaxheba kwingxoxo-mpikiswano. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Itekisi yoncwadi lwemveli enjengentsomi:**<br>Baxoxa beyiklasi ngemiba gabalala malunga neentsomi.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bachazelwa banzi ngeempawu eziphambili zoncwadi lwemveli efana nentsomi. Bakhangela amagama anobunzima nangaqhelekanga kumzekelo wentsomi ebhaliweyo. Baphendula imibuzo enxulumene nentsomi ebhaliweyo ukukhangela ukuba bayifumene na intsingiselo. Bafunda intsomi ekwincwadi yokufunda emva koko baphendule imibuzo.<br>**B. Isihobe:**<br>Utitshala uvula ingxoxo emalunga nomfanekiso abawunikiweyo kwincwadi yabafundi.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kufundwa impawu eziphambili zombongo.<br>**C. Ukufundela ukuqonda:**<br>Bafunda isicatshulwa befundela ukuqonda. Baphendula imibuzo emalunga nesicatshulwa emva koko benze ushwankathelo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukubhalwa kwsincoko esichazayo: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemiba emalunga nesincoko esichazayo emva koko babhale isincoko begxininisa kwinkqubo yokubhala. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kufundwa ngemiba enje ngale: Izichazi, izibizo, izimelabizo<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Amaxesha ezenzi, iindidi zezivakalisi, iindidi zemihlathi<br>**Iintsingiselo zamagama:**<br>Izafobe, isifanadumo, imfanozandi, ukudlala ngamagama<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Izingxi, ikoma. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Kwakumnandi kwantonjane**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 149-162**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 202-219** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ukuphulaphula intetho yomntu obalulekileyo ekuhlaleni:**<br>Kuxoxwa ngokuthe gabalala ngemiba enxulumene nomfanekiso abawunikiweyo.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile.<br>Baphulaphula umzekelo katitshala wentetho eyenziwa ngumama ophuma kwisebe lezobuGcisa neNkcubeko ekuhlaleni. Baphendula imibuzo emalunga nentetho.<br>**B.Intetho elungiselelweyo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala emalunga nomfanekiso abawunikiweyo.<br>Bachazelwa imiba emalunga nentetho elungiselelweyo.<br>Baziqulunqela eyabo intetho elungiselelweyo bengamaqela. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Itekisi yoncwadi enjengebali elifutshane:**<br>Kuxoxwa gabalala ngeempawu eziphambili zebali elifutshane.<br>Bachazelwa ngemiba ephambili emalunga nebali elitshane.<br>Bafunda umzekelo wesicatshulwa sebali elifutshane emva koko baxoxe ngawo beveza iimpawu ezamkelekileyo zebali. | |
| | **B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga nomfanekiso abawunikiweyo.<br>Bachazelwa ngeempawu eziphambili zombongo. Bafunda umzekelo wombongo abawunikiweyo emva koko baphendule imibuzo emalunga nombongo.<br>**C. Ukufundela ukuqonda: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bathelekelela iintsingiselo zamagama.<br>Bafunda umzekelo wetekisi ebhalwayo emva koko baxoxe ngawo.<br>Bashwankathela itekisi ebhalwayo (isincoko esichazayo ngemihlathana emibini.) | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala itekisi yonxibelelwano:**<br>**Ikhadi lesimemo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemiba ephambili kubhalo lwesimemo. Bachazelwa ngemiba ephambili xa kubhalwa isimemo. Emva kokuba beqwalasele umzekelo wekhadi lesimemo, benza elabo ikhadi. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izichazi, izibizo, izimelabizo, izihlomelo, izikhuzo.<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Amaxesha ezenzi, elangoku, eladlulayo nelidlulileyo.<br>**Intsingiselo yamagama:**<br>Igama elinye endaweni yebinzana.<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Iindlela zopelo, uphawu lokhuzo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Sinamalungelo**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 163-175**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 220-235** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ukubalisa ibali:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemiba gabalala ngemiba edibene namalungelo. Baphulaphulela ukuhlalutya nokuphononongа bephulaphula utitshala ebalisa ibali elimalunga nokusingelwa phantsi kwamalungelo abantwana. Baziqulunqela elabo ibali iqela ngalinye libalisele iklasi.<br>**B. Ingxoxo yababini:**<br>Bachazelwa ephambili malunga nengxoxo yababini. Balinganisa iingxoxo yababini, isibini nganye abanye bephulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda itekisi yoncwadi efana nedrama:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bakhumbuzana ngeempawu eziphambili zoncwadi ebebekhe bafunda ngazo.<br>Bachazelwa kwakhona ngeempawu eziphambili zoncwadi.<br>Bafunda umzekelo wetekisi yedrama emva koko bancokole ngawo beveza iimpawu eziphambili zedrama. Baphendula imibuzo emalunga netekisi yedrama.<br>**B. Isihobe:**<br>Baxoxa ngomfanekiso okwincwadi yabo. Bakhumbuzana ngeempawu eziphambili zombongo. Bafunda umbongo belandela inkqubo elandelwayo yokufunda.<br>Baphendula imibuzo emalunga nombongo abawufundileyo.<br>**C. Isicatshulwa esifundwayo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngomfanekiso abawunikiweyo. Baqikelela iintsingiselo zamagama.<br>Bafunda umzekelo wesicatshulwa belandela inkqubo yokufunda. Bashwankathela isicatshulwa belandela imigaqo yoshwankathelo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala itekisi yonxibelelwano:**<br>**Ingxoxo yababini:**<br>Bakhumbuzana ngemiba ebalulekileyo emalunga nengxoxo yababini. Bachazelwa ngemigaqo ebalulekileyo yokubhalwa kwengxoxo yababini.<br>Baziqulunqela owabo umzekelo wengxoxo yababini belandelaimigaqo yokubhala efanelekileyo. | |



Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Inkqubo, ukulandelelana ngokwesithuba, ukulandelelana ngokubaluleka, umhlathi wesiphelo. Igama elinye endaweni yebinzana.<br>Iimpawu zokubhala nopelo:<br>Iindlela zopelo, ikholoni. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | **Ukuhlola: Ikota yesi-3**<br>**Umsebenzi woku-1: I-orali:**<br>Intetho elungiselelweyo/ ingxoxo-mpikiswano<br>**Umsebenzi wesi-2: Ukubhala:**<br>Isincoko esichazayo / isincoko esibalisayo / ileta ekhaphayo nesivi<br>**Umsebenzi wesi-3:**<br>**Uvavanyo lwesi-2:**<br>Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi | |

## Ikota yesi-4

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| Iveki yoku-1 yesi-2 | **Izinxibo zakwantu**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 177-187**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 239-244** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Isicatshulwa esiphulaphulwayo: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa gabala ngemiba emalunga neendidi zezinxibo. Baphulaphula bechazelwa ngeengongoma eziphambili xa kuphulaphulwa isicatshulwa. Baphendula imibuzo emalunga nesicatshulwa.<br>**B. Imigaqo yentlanganiso:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemiba emalunga nemigaqo yentlanganiso beveza ulwazi abanalo. Baphulaphula inkcazelo katitshala emalunga nentlanganiso nemigaqo yayo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Inoveli:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa, betolika umfanekiso.<br>Bachazelwa ngeempawu eziphambili zoncwadi kugxininiswa kwinoveli. Bafunda umzekelo wesicatshulwa senoveli. Baphendula imibuzo emalunga nesicatshulwa senoveli.<br>**B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bancokola ngemiba gabalala emalunga neembongi. Bachazelwa ngeempawu eziphambili zemibongo. Bafunda umbongo emva koko bawuhlalutye.<br>**C. Isicatshulwa esifundwayo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala emalunga nesicatshulwa esifundwayo. Bafunda isicatshulwa emva koko baphendule imibuzo emalunga nesicatshulwa. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ileta yesicelo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Batolika umfanekiso okwincwadi yabafundi. Bachazelwa banzi ngemiba ephambili xa kubhalwa ileta yesicelo. Babhala eyabo ileta yesicelo belandela imigaqo ephambili yokubhala. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Amaxesha ezenzi, izichazi, izimelabizo,<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Intetho-ngqo, ingxelo- ntetho.<br>**Iintsingiselo zamagama:**<br>Izithetha-ntonye,<br>izafobe | |
| | **Iimpawu zokubhala:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Isingxi, isimeli nobumba, ikoma, iimpawu zocaphulo, iqhagamshela. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br><br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Amaqhawe elizwe lethu**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 188-198**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 245-259** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ingxoxo yababini eshicilelweyo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngomfanekiso bechaza amaqhawe akumfanekiso. Baphulaphula umzekelo wesicatshulwa sengxoxo yababini. Baziqulunqela owabo umzekelo wengxoxo yababini emva koko benze umdlalwana belinganisa abanye bephulaphule.<br>**B. Ingxoxo yephaneli:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukugxeka nokuncoma bephulaphula utitshala ebafundela isicatshulwa esimalunga nengxoxo yephaneli. Baziqulunqela owabo umzekelo wengxoxo belandela imigaqo eyamkelekileyo yokwenziwa kwengxoxo yephaneli. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda itekisi yoncwadi efana nebali elifutshane:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bakhumbuzana ngeempawu eziphambili zoncwadi. Bafunda umzekelo webali elifutshane emva koko bancokole ngawo. Baphendula imibuzo emalunga nebali elifutshane.<br>**B. Isihobe:**<br>Baxoxa ngomfanekiso bechaza nangeempawu zeenkokheli abazaziyo. Bakhumbuzana ngeempawu zemibongo eziphambili. Bafunda umzekelo wombongo emva koko bawuhlalutye.<br>**C. Itekisi yemalthimidiya efana nesibhengezo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga nemiba ephambili yesibhengezo. Bakhunjuzwa ngeempawu ezibalulekileyo zesibhengezo. Bafunda umzekelo wesibhengezo kwincwadi yabafundi. Bazenzela owabo umzekelo wesibhengo belandela inkqubo yokwenza isibhengezo abafunde ngayo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Umhlathi: I-imeyile:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Boxaxa ngemifanekiso bechaza nemisebenzi yezinto ezikwimifanekiso.<br>Bachazelwa ngeempawu eziphambili neengongoma ezibalulekileyo malunga nokubhalwa kwe-imeyile. Baqwalasela umzekelo we-imeyile emva koko baziqulunqele eyabo. Babhala i-imeyile belandela inkqubo elandelwayo yokubhala. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Izibizo, izikhankanyi, isinye nesininzi, isiduna nesikhomokazi.<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Inkqubo, ukulandelelana ngokwesithuba, ukulandelelana ngokubaluleka, umhlathi wesiphelo.<br>**Iintsingiselo zamagama:**<br>Ingcinga okanye intetho esoloko isetyenziswa njalo ebonisa abantu abathile nohlobo oluthile, intetho esetyenziswa ngumbhali, ukugweba ngaphandle kokuva, ukukhetha icala elinye, uluvo oluchukumisayo, intetho esetyenziswa ngumbhali, ukugweba ngaphandle kokuva, uluvo oluchukumisayo.<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Iindlela zopelo, izifinyezo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Mkhulu umvuzo konembeko**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 199-209**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 271-284** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **A. Ukwenza umdlalo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bakhumbuzana ngemiba ephambili xa kusenziwa umdlalo. Baphulaphulela ukuhlaziya nokuphonononga bephulaphula utitshala ebachazela ngendlela yokwenza umdlalo belinganisa imeko ethile. Baphendula imibuzo emalunga nomdlalo ebebewubukele.<br>**B. Incoko:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngomfanekiso abawunikiweyo.<br>Baphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile bephulaphula utitshala ebachazela ngemiba ephambili malunga nencoko.<br>Baphendula imibuzo emalunga nencoko ebebeyiphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Inoveli yolutsha:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo ngemiba gabalala emalunga nenoveli yolutsha. Bachazelwa ngeempawu eziphambili zoncwadi.<br>Bafunda umzekelo wesicatshulwa senoveli ocatshulwe kwinoveli yolutsha belandela imigaqo elandelwayo yokufunda.<br>**B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemiba gabalala emalunga nemibongo. Bachazelwa ngeempawu eziphambili zemibongo. Bafunda umbongo belandela inkqubo elandelwayo yokufunda. Baphendula imibuzo emalunga nombongo ebebewufunda.<br>**C. Ikhathuni:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemiba gabalala emalunga nekhathuni. Baphulaphula utitshala ebachazela ngemiba emalunga nekhathuni.<br>Baziqulunqela eyabo ikhathuni belandela imiba ebebefunde ngayo malunga nekhathuni. | |



Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala i-obhitshuwari**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa, betolika abakubona emfanekisweni.<br>Bachazelwa ngemiba ephambili xa kubhalwa i-obhitshuwari.<br>Baphendula imibuzo emalunga nomzekelo we-obhitshuwari abawunikiweyo. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izenzi. Izixando zezenzi, izibizo, izimelabizo, izihlomelo, izichazi<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:** Unobangela nefuthe.<br>**Iintsngiselo zamagama:** Intsingiselo yentsusa, ulwimi oluqhathayo, ulwimi oluchukumisayo, igama elinye endaweni yebinzana.<br>**Iimpawu zokubhala nopelo:**<br>Isingxi, isimeli nobumba, ikoma, iimpawu zocaphulo, iqhagamshela. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Masizihlaziye koko besesikufundile**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 210-214**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 248-292** | |
| | **Ukuphulaphula nokuthetha (Iiyure ezi- 2)** | |
| | **Umsebenzi woku-1: Ingxoxo yeqela.**<br>**Umsebenzi wesi-2: Isicatshulwa esiphulaphulwayo**. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Umsebenzi woku-1: Ukufunda okulungiselelweyo.**<br>**Umsebenzi wesi-2: Isicatshulwa Umsebenzi wesi-3: Isishwankathelo Umsebenzi wesi-4: Uncwadi** | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Itekisi yonxibelelwano:**<br>Ileta yaseburhulumenteni, ikhadi lesimemo. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Umsebenzi woku-1**<br>**Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izakhi zezibizo, iindidi zezenzi, izichazi, izimelabizo, amaxesha ezenzi, izihlomelo.<br>**Umsebenzi wesi-2: Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>Izivakalisi ezimbaxa, intetho-ngqo nengxelo- ntetho, izivumelanisi zentloko.<br>**Umsebenzi wesi-3: Intsingiselo yamagama:**<br>Izithetha-ntonye, izichasi, intsingiselo ecacileyo nentsingiselo efihlakeleyo.<br>**Umsebenzi wesi-4: Iimpawu zokubhala:** | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Ukuhlola okusesikweni nokuhlola kwasekupheleni konyaka**<br>**Incwadi Katitshala:**<br>**Amaphepha 218-220**<br>**Incwadi Yomfundi:**<br>**Amaphepha 296-297** | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | **Umsebenzi woku-1: I-orali:**<br>Ingxoxo- mpikiswano/ udliwano-ndlebe, intetho elungiselelweyo/ intetho engalungiselelwanga, ingxoxo yeforam / iinkqubo zentlanganiso, isicatshulwa esiphulaphulwayo.<br>**Umsebenzi wesi-2: iimviwo zokuphela konyaka:**<br>**Iphepha loku-1: I-orali.**<br>**Iphepha lesi-2: Ukubhala isincoko esinye nomhlathi omnye.**<br>**Iphepha lesi- 3: Isicatshulwa, ukusetyenziswa kolwimi, uncwadi.** | |



Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

